IMVO ZABANTSUNDU

(NATIVE OPINION).

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOMVULO, APRIL 27,1885.

[No. 26.

OFUNWAYO.

SINOMNTU esimfunayo ote wasilahleka indoda yegqirakazi ebeke lako nakwesika mabandla, lihlala lihamba namakwenkwana amabini. Bahlukana *e*-Qonce ngo March ; wayehamba ngenyawo esiti usinga e Katala eyakutata inqwelana yamahashi ke ngokn akuvakali nto ngaye. Uze uhlabe umkosi ube mde. Igama lomnene lowo ngu Mr. P. M. VAN DEE KOETSVELD. Inkosi kazi leyo ngati li Bulu, inkosi ya Mabele ingayazi. Ndibekisa kwinkosi nezikulu namanene.

JOHN MZAMO.

Bira, Fort Peddie.

KUFUNWA.

UMNTU omnyama onomfazi okwaziyo ukulima isitiya. Ukuba umfazi uyakwazi ukusizila naye wofumana imali. Owufunayo umsebenzi lowo makabalele axele nomvuzo ku

R. W. WRIGHT, Engineer.

Blackwood, Queenstown.

Ndipeni Amehlo.

KUBIWE ngobusuku be 24 April e Mngqesha ihashe elibomvu eliyinkabi enomcokocokwana amabala kuwo wonke umzimba. Libujiya ngomkono wasekunene. Litiwe shunqu incakam yendlebe yase kohlo Linesibavu enkwapeni yomlenzi indawo eyaxatulwa kubetwa. Likwanenqaku enkwapeni yomlenze wase kunene angati umntu lalihlatyiwe linekolwana. Libufutshane alinasiqu sikulu. Itsboba linqunyulwe.

Owanakanayo umbala onjalo mandincedo atumela ku Mhleli we Mvo-Zabantsundu, E-Qonce.

25 April, 1885.

ISAZISO ESONA.

Kutengiswa ngoku ngamanani apantsi natotyiweyo—

Into eninzi kunene yencawa ezifanele abantu basesikolweni, kwanezimigca ngaminye nangamibini ezilungele amaqaba.

Kusand' ukufika kananjalo impahla yetu entsha evela e Amelika amakuba amashumi asixenxe anantlanu awona ohlobo aye enokufunyanwa ngamanani abulula bungazanga babako.

Kufike nesukila emhlope nebomvu evela e Natala amanani azo atotywa nangapezu kokwalenyanga ifileyo.

Kufike namakulu o-mabini etauli ezidla I dobilityi zone nehalafu inye, oko kukuti zintatu ngesheleni.

Intlobontlobo zengubo zamadoda nezamakwenkwe.

W. O. CARTER & CO.,

Maclean Square,

E-QONCE

W. F. S. BOOTY.

Umteteleli kwi Nkundla yamatyala e- Komani. Umlungisi wemicimbi nayipina esingisele ematyaleni nakuyipina inkundla apa kulo mandla. Ungumkuseli kwabanamatyala, waye kananjalo ebiza amanani afanelekileyo. I Ofisi ise Town Hall e-Komani.

J. HILNER,

Umenzi wentsimbi zamaxesha,

E-QONCE.

Nomtengisi wempahla ezinjengemisesane njalo njalo.

Unentlobontlobo zemisesane, iwotshi

Nentsimbi ezinkulu zamaxesha, nentwane ezintle Zokinika amabaso ngamaxesha atile

Iveki.

KAMBE mawetu inyanga ezintatu ebenihlaulele zona zipelile. Mayifike ngoku imali. Inqwelo ayinakuhamba kakuhle ngapandle kwetela, nepepa ngokunjalo alinakuhanjiswa ngapandle kwemali. Makungabiko magogotyake. Kaulezani!

INGOZI embi yehle elwandle ngasentla kwecweba le Gqili. Umkombe obizwa ukabayi *Juno* wase Norway, utshele elwandle pakati. Abantu abamashumi mabini ababekuwo bakwela esikitshaneni benentwana ancinane yokudla namanzi. Emva kokuba pantsi kobunzima intsuka ezilitoba balubona unxweme nigama, ngezantsi kwecweba bazamela ukusinga kulo. Saqubisana nama-tye isikitshane sapuka kwantyilikiseleka abantu abalishumi linesibozo, kumashumi amabini. Isine esasindayo safika kwi Bayi lase Port Nolloth sesibeteke kunene yindlala.

KUMAZIBUKO onke olwandle kumenywa amavalanti okulwa elwandle. Kwenzelwa ukuba ize kuti xa imikombe yemfazwe yama Russia ifika kulamazibuko etu kubeko amadoda anokuyilwa.

NGOLWESI-NE olungapaya koludluleyo bekuko umboniso wempahla nezilimo e-Nyara.

INTLANGANISO zama Ngesi ase Natal zicinga indawo yokuba makucelwe ulaulo olunjengolu sinalo lokuba abantu base Natal bazipate ngokwabo.

U-MR. WILLIAM HAY unduluke e.Bayi ngomkombe oyi *Garth Castle* ngo 25 April. Ngamana wandlela ntle.

UMNTU onengqakaqa ufunyenwe kwifama ekutiwa yi Grootvley kufupi ne Steynsburg ngasema Cradock.

IMALI ayibutileyo u-Rulumeni ngololiwe ngenyanga engu March i-£90,565 Ngale- nyanga ngonyaka odlaleyo yafika kwi £78,088.

UMFO ontsundu ugwetyelwe ukuba axonywe yijaji kutshanje e-Dayimani, ngokubulala ifama elingu Van der Westhuizen. Eli fama lamfumana lomntu esiba ipesika entsimini yalo. Lisuke isela lakumbula kumninimzi lamhlaba amanxeba atile.

INGQAKAQA kuvakala ukuba isingisela ekupeleni kwisizwe sika Kama.

KUTIWA bonke ababantu bahliwe yingqakaqa ngoku abanqatshulwe. Ayifumani ibangene abaqatshulweyo.

ISIQIKI sokongela ingqakaqa ebesise Mncotsho emabaleni sicitiwe, abafayo bonke babekiswe e-Xesi. Namhla sekungeniswe apo e-Xesi abantu aba 160, ishumi lonke lingene ngo Mvulo odluleyo. Kusafe 16 kupela.

INGQAKAQA ingene ku Zanyokwe, isipaluka se Rabula.

UMLUNGU abati ngu Matzahn wase Bloemfontein utshelwe yivenkile ngo Mvulo wabehla wacinywa. kufunyanwe impahla igalelwe iparafini, wabanjwa kwaoko kuba kusitiwa uyitshisa ngabom.

OKWANGOKU uvoto lwelungu le Palamente lendlu enkulu lokutabata indawo kamfi u- Hon. F. W. Duckitt lusangati luyakudubula ekunyulweni kuka Mr. van Rhyu. Obedyare naye ugu Mr. J. C. Hoftneyr.

NGOLWESI-Bini u-Sir C. Warren wayenentlanganiso nama Bakwano abapantsi ko Sechile. Babonise ukuba bafuna bekuselwe yi Nkosazana ku Mabulu. Inkosi u-Sechite ivakalise umbulelo wokuba incedwe Kunene nga Mangesi.

ABANTU base Gala baza kwenza isicelo ku Rulumeni ukuba abancede ngemali yokwenza indlela nokwaka umcancato pezu kwe Tsomo.

UMANZ' abomvu obebikwa kulendlela isuka e-Qonce isinga e-Mtata uyadamba.

INGQAKAQA ibuye yangena e-Komani Ize Namhla nomfazi nendoda bevela e-Xonxa. Indoda akuko temba lokuba yopila, umfazi uyatembisa. Bafunyenwe ngolwesi-Tatu kodwa sekubuye kwako nowesitatu ohliweyo.

ABAXASI belipepa le *Mvo Zabantsundu* bayacelwa ukuba bangalibali nenkozwana zale kota. Mazifike.

IKONFERENS yabafundisi base Wesile yahlukene ngo Mvulo odlulileyo. Siva ukuba ibiyenye yentlanganiso ezimnandi.

KWIBANDLA le Palamente yase Natal, u- Mr. Escombe wase Durban uyakungenisa umcimbi wokuba imida ye koloni yase Natal yandiswe, ibute lemizi :Adam Kok, Amampondo, Amaswazi na Mazulu.

AMA Russia ati alwa nama Afghanistan kuba asuka abonisa ubutshaba. Lati laku- pela iduli u-General Komaroff wama Russia wabuyela kwikampu yake. Ngezivela kwela Mangesi siva ukuba ama Russia abulawelwe kakulu.

AMA Ngesi alungiselela imfazwe kunene. Kuko inteto yokuba iyakuti yakundululwa imfazwe ubuninzi bemikosi ese Yeputa buye e-Asia ze kusale ibe mbalwa ukumela i- Mahdi.

IMVO ZABANTSUNDU

IMFUNDO YENTETO

I- CHRISTIAN EXPRESS (sigidimi sa Mangesi esishicilelwa e-Lovedale eso) yomhla wokuqala ku April inamanqaku ewenzileyo ngezikolo ezikulu zama Tshatshi: ezinjengo Mtwaku, Rini. ne Kapa, e-Zonnebloem. Yenjenje i *Christian Express* ukuteta ngemfundo enikwa e-Zonnebloem. " Ke lemfundiso yenteto (ezinjengozi Latini nozi Grike) ike yalingwa apa e-Lovedale yafunyanwa ingenakulunga kuni, kodwa yangenisa ulonakalo." Lifike liqube elipepa liti " siyakuba buhlungu ukuba oko esingati sikutete ngoku kovakala ngokungati asingi abantsundu bangafumana amalungelo afunyanwa zintlanga ezimhlope." Kuyakuba bublungu kuti ukuteta nentwana enye eyakubonakala ngokungati siti u-Mhleli we *Christian Express* ulutshaba mhlaimbi ungxamel' ukubabeta ngembila entloko abantsundu. Sinayo yonke imbeko kumongameli obekekileyo we simnari yase Dikeni, sibuza ukuba yingozi nina edalekileyo kwabamnyama ngokusuka bafundiswe ozi Latini nozi Grike e-Di- keni ? Sinqwenela ukuhlutiswa nokukanyiselwa ngalomcimbi. Intsapo efunda e-Lovedale iyalila kubazali nakwabayitumele emfundweni, ukuba kuko umketo emaqeleni afundayo pakati kwabamhlope nabamnyama abafunda qeleni linye. Oluketo lusand' ukwenziwa kutsha nje. Akucacile ukuba lwenzelwe nina. Kudodana olufunda kunye lwapumelela kwisiganga esinye, lwema ngokulinganayo ekuviweni ngotitshala nalo nangu Mhloli wakwa Rulumeni olulwahlukwano luko. Abamhlope bangeniswa kwizifundo ezitile abangazinikwayo abantsundu abangavunyelwayo nokuba bazifumane nokuba sebecela. Ezizifundo zezingenteto zama Latini noma Grike. Hayi, bona abazali abazi nto ngezi Latini nozi Grike, kodwa bafuna ukwazi ukuba lomahluko ngowanina ? I-*Express* isityela inxenye yesizatu soku. Asikukuba abapati be Lovedale banga abantsundu bangelungelwe njenga Mangesi, kodwa kontsundu imfundo yenteto ivelisa ulonakalo ! Ngeke elipepa laqubela pambili lasityela ukuba kungayipina indlela eti imfundo yenteto ingenise ulonakalo kwabantsundu kupela. Kukulunga kunina ete lemfundo yakuvelisa ku Mangesi afunde e-Lovedale ? Asingi inteto ze *Christian Express* singazi- pendulela njengokuba kusitiwa zike zenjiwenjalo ezinye.

Ekucaciseni inteto apa edumileyo ngemfundo yabantsundu iti i *Express*. Nto kwatiwa ayipumelelanga kwelopepa yeyokuba "imfundo yozi Latini nozi Grike ayipumele- langa pakati kwempi enmyama " Lenteto ke ibifanele ukubacingisa bonke abake bafunda izi Latini nezi Grike. Ngokukodwa abo bazifunda e-Lovedale Sisati tina bekungati ukubengeza amanani kube luncedo. Oku bekungakolisa umlisela ofunde e-Dikeni, abazali nalowo mlisela ufundayo ngoku e-Dikeni ukuba umlomo lo we Lovedale ubungabengeza kuqala inani labafunda e-Lovedale bada bafika kozi Grike abawuhlazisileyo lomzi abapumelela kuba bafunda ezinteto. Ngati kungakapukapu ukubatelekisa abo bazifundayo inteto ezi nabangazifundanga ze kufunyanwe ukuba abahlazise i-Dike nabangenjanganjalo bayalingana Kwindawo yesibini inani labo abafunda abafikelela kwinteto ezi abawunike isihomo umzi wase Dikeni. Ngati kunako ukuvelisa igama lokudwela nelinye mhlaumbi amabini okudwela nelinye awafunda ezinteto apumelela ebomini kwigama ngalinye elipumelele lingafikanga kwizi Grike.

°

Akumfanelo kofundayo ontsu-ndu ukumvalela amatuba okufunda ezanto zifunekayo kwimviwo zebandla elipambili lemfundo. Ukwenjenjalo kukuti ontsundu akasakuba sabinako ukungena kwimviwo ezipambili. Asitsho okokuba i Lovedale icalula ibala, asiboni sizatu sokuba ontsundu yedwa avalelwe ngapandle ezifundweni ezifunwayo ngabavi abamiselweyo.

INGQAKAQA..

IMIGUDU ye Bandla elipatiswe impilo yomzi ngelixesha lengqakaqa ifanele ukubalulwa. Siyatemba ukuba amawetu aya kuyikumbula lemigudu, ze ngapezu konke azame ukuyixuma. Ukubake isiqingata soko sikufunde kwelinye lamapepa asekaya apa kubalwe ngu Mr. MALCOMESS ngomnumzetu u- MBOVANE kuyinyaniso singasuka siti nqa. Lencwadi iti oko yati ingqakaqa yaqala e-Tyume seloko wati u MABANDLA wenza into enye ngegunya lake lobukosi ukucasa imizamo yegqira nabo balincedisayo : amadoda ake ada apuma exobilem ukupazamisa igqira, nokuba igqira liti kucacile kulo ukuba esisifo nosizi oselute lwako ngenxa yaso nendleko, umtombo wako oku ngu MABANDLA. Kuyasixaka ukufumana imbangi yokuba oludaba loyikekayo lube lute alwabengezwa ngenxa engapambili. Kakadeke le yinteto yacala nye. Eka MABANDLA ayidibani nangento le, imbeka kwindawo yomoniwa kunowonayo. Oka QUNTA ulila ngokuba kwati ekuqalekeni kwesifo akaxaswa kwimizamo yake yokusitintela ukuba singandi. Uyikanyela kanye yona indawo yokuba sandiswa nguye isifo, nokuba lendleko ibangwe nguye, esiti unanamhla usancedisana nabantu abasizamayo. Lusizi olukulu ukuba uluntu lunyanzelwa ekubeni lugwebe ngezinyaniso zingatelekiswanga nezinye. Abantu bona abanga bangenza imfanelo baya kuyibamba imilomo yabo bade baweve omabini amacala. Sati zakuliva ibali lika MBOVANE samangaliswa bubugwenxa buka Rulumeni, emababe bayazi abatile ukuba waka okunene wabunqumnqesi u-Rulumeni ukuncedisa. Asitangake sakuva icala lika MABANDLA sesigxwagxusha u-Rulumeni. Inteto ka Mr. MALCOMESS ivakalisa imvo zelinye icala. Omakwenziwe ke ngoku kukuba ezinteto mazinxulunyiswe buqondwe ubunyaniso bazo. Kukade zisezandleni zobalel' edolweni nenteto ezingalingwanga. Izipata mandlake maziyicikide lento ukuza simazi omakatwale lamahlahla.

Sinosizi ukuti kuko imizi eyibikileye ingqakaqa kodwa abantu abakweleliswa njengokuba kufuneka. Oku kubikwa koma Qoboqobo. Iyakuti ke lento yakufunyanwa imiswe ngohlobo lokuba omnyama ubeyawabafihla abafayo. Siqinisekile ukuti asingabo bonke abantsundu abanga bangayifihla ingqakaqa. kuba nabo bayakoyika ukwanda kwesifo.

Sifumana ukuba okwangoku isifo esi sityikitya umhlambi lo ubomvu, ngakumbi impi engaqapulanga. Oku kubonisa ukuba kwa ukuhlala enevumba lesepa umntu eyicokisile indlu yake kwanele ukumkusela kwisituba esitile.

Yinto ekwalusizi kwakona le yokuhambelana kwabantu. Izipatamandla bezingecebe qingana lokuyinqumamisa ?

UKUTYOLWA.

UTULI oluvuswe kukutshwa kuka MBOVANE luvuse ingcamango ezininzi kuti, zibangwa zindawo ezikwaninzi. Kuqala sifumana incwadi ka Mr. MALCOMESS ngencaso ekutiwa uyenzile oka QUNTA ekunyangweni kwengqakaka. Oku sikuxoxe kwesako isituba. Ngoku sinenteto ka Mr. DE WET eti ukutshwe kuba "esuke waya kwintlanganiso ezivuselela abantu ukuba bangayihlauli irafu " Selite elinye ipepa la Mangesi (lifanele) ukuba oku ukwenzile u-MABANDLA ubefanele ukukutshwa. Siqinisekile ukuti ngalenteto, kwanjengokuba kunjalo ngaye yonke inteto epatelele kwelitshawe litshutshiswayo, uyatyolwa kakade ; ungapicotwa ubunyaniso balonto. Zonke inyaniso esinazo ngalomcimbi zisitsalela kwisigqibo sokuba bekufanele ukuba u Mr. DE WET amisele endaweni yake u MABANDLA mhlaumbi abehle aucedulule ngokuzeleyo umcimbi wake Kungovuvo esaleka obetu ubungqina kobabanye ngokuzola nokulungelelana kwempato ka Mr. DE WET yabantsundu ukuza kolusuku : nto isimangalisileyo kodwa kuba ete kulomcimbi akabonakalisa indawo ibezizimbasa ekupateni kwake zokuquba ngemfanelo ngapandle kocalulo. Kakade uyakuti ukokelwe yingxelo ayifumene kwizipatamandla ezilapa. Njengokubake ezingxelo zifumaneka zingenanyaniso zakukangeliswa, kumfanele u Rulumeni ukuba ake ayikangelise ukuba ayonakalisi na ngokungatetekiyo indawo yokuba amisele kwindawo ezinjongobumantyi base Xesi abafana abangabaziyo abamnyama namasiko abo, betweswe amagunyana amafutshane. Asite nqa tina ukuba ngenxa yoku u Mr. DE WET ubekwe

kwisituba sokuba agwebe umcimbi onzulu njengalo pezu kwenteto zokutusa obungapendlwanga ubu nyaniso bazo. Sisahleli ngetemba tina lokuba u Mr. DE WET usaya kuke amenzele imfanelo zake u MABANDLA—zokuba abuye am'isele endaweni yake.

Impawana.

Ite yandimangalisa yandikwanqisa kanjako into yokufumana ukuba kuseko ontsundu osenokuyitela gxwa izwi ipasi. Nditeta kambe ngo P. N. M. oyitetelele
kwipepa lokugqibela. Uti u-P. N. M., Ihashe lomfo wangase Qonce lafunyanwa libiwe yindodana elumnkileyo. Ngokoke ipasi ilungile." Lenteto kuya-
kufuneka ndiyenzelelele, kuba iyodwa nje iyayiloza. Ukuba angaba u-P. N. M. uteta ukuba lafunyanwa kuba indodana leyo yayingena pasi, ngati kuti laliya kusinda elotyendyana ukuba laline pasi Ibeke ipasi ibunqabise ngapezulu ubusela. Akazina u-P. N. M. ukuba amasela avayicaza amabala into aya kuyiba aze anikwe incwadi eyakuhamba iwakulula emapoliseni? Ipasi imnika isimilo nongenaso. Utinike P. N. M. ?

***

Abalesi bamapepa bokumbula ukuba Kwaka kwako ipike elikulu pakati kwamagqira ase Dayimani ngelaxesha ingqakaqa yayibikwa kona—amanye esiti yiyo amanye esiti asiyiyo. Kwaka kwada kwako netyala pakati ko Dr. Sauer no Dr. Wolf, eliya nene lokuqala lalisiti yiyo eli lisiti asiyiyo. Njengokuba sifikile nje kwelilizwe esisifo seke ndeva ngezam indlebe omnye esiti asiyiyo lirashalala. Nokuba lilo asililo kufuneka abantu benze imigudu yokuba libehle lipele kubaliyoyikwa ngabantu.

***

Siyabacela abalesi belipepa ukuba bati xa baza kutenga apa e-Qonce napina apo sazeke beyakutenga kwizindlu ezazisa into ezizitengisayo kwelipepa le *Mvo Zabantsundu* balipate ipepa eli, balibonise ku Belungu abatengelayo, bazalate kulo into abafuna bezitengile. Into leyo iyakuba luncedo kubatengi ngokwabo, kuba xa sazeke esazisweni kutiwe ixabiso lento lipantsi kuyimfanelo ukuba oyakulondlu ngenxa yoko ayifumane lonto njengoko. Kweletu icala iyakunceda
ngokuti ibange ukuba abantu abazisayo baqonde ukuba ngokwazisa oko bayakufumana abantu bokutenga impahla zabo. Kwindawo ezingenazaziso kwelipepa bekungaluncedo ukuba abatengi bajokise ngokubacela abagcini-venkile nabapati mashishini ukuba babazise into esazeke zitengisa ngokubusulu nento ezintsha kwi *Mvo.* into leyo iyakudubula ekuqubeleni parnbili kwepepa lomzi ontsundu. Siyacelake ukuba abafundi belipepa bangayilibali lento—bayenze amax' onke abaya kutenga.

***

Mr. Isaac Mataung, wase Tarkastad, nantso impendulo yento okade uyifuna. Sifumene lencwadi:—

NKOSI YAM,—Ndiyazisa ukuba u-John Nkomo, elinye u-Sanisi, nanku apa. Omfunayo angati ngqo eze kum womfumana e-Humansdorp (Tsitsikama), uqa- shwe kona, sibonana futi.

Ndingowako
JOHN ZWELIBANZI.

Lempendulo ibonisa ixabiso lokwazisa nge *Mvo Zabantsundu,* uhlobo lokutumela kulomzalwana lolu u-Rev. J. Zwelibanzi, Wittekleibosch. Humansdorp.

Umhlobo wetu obala ekwelanga Pakati uti: "Hambisani njalo bafo bakowetu wode abone no Mlungu ukuba no Nigala aba ngamadoda nakuba bemnyama. Kwelicala lase Mabulwini uhlanga lwakowetu lutshone pantsi kanye." Singati kumhlobo wetu lo ihambiselo pambili yetu isekutandeni komzi wakowetu kupela. Ukuba wonke onokufunda uyavuma ukufaka isandla engxoweni ancame ezinkozwana zingantatu siyakuhambisela pambili, sifeze into ezinkulu, ekubonakalayo okwangoku ukuba siyakuzibo— na ngamehlo mgama singazifezi njengo
Moses kwintaba ye Pisuta. Amadodana ayakuxaswa ngamawabo. Amangesi axasa amawabo.

***

Ndifunda emapepeni ukuba into endala ye Bulu lase Winburg e-Free State, abaye ngu Adridvan Niernand ipehlelele ngomhla we Cawa 15 March umntwana wayo ongowa 32. Kutiwa inani lesizukulwana sake ngoku likumakulu amatatu. kwa elixego beliko ekufalisweni kwa Mabulu, ngokwesiko lawo ukuba amadoda amane efaliswa njengokungati kuzakubako imfazwe. Onke amatiletile alomcimbi liwafeze onke. Hlala uhleli Adridyan !

Abalesi bamapepa Amangesi bake bahleliswa kwezintsuku yinto esand' ukuhla e-Kapa. pakati kwesoja elitile neledi elibekekileyo, U-Mr. Sibanizashe lityendyana elizitshoyo. Uti esahamba kwezo zitilato zase Kapa aqubisane amehlo ake nawe ntokazi apa, aselesuka ezibika esiti ndidlakile yilentokazi madoda. Ute akubuyela kwigumbi aqutuma kulo waselehlala nantsi etabata umsizi wake nosiba —esitsho, esitsho, esitsho! Ukubalela kulentokazi waqukumbela ngokuyicela ukuba ize ihlangane naye kwindawo etile ngoratyazo ezitalateni apo ukuze abe nokuyipalazela umpefumlo wake. lyifumene incwadi lentokazi isukeyotuka, ifanele. Yacinga, yacinga. yagqiba kwelokuba ize isifeze esisicelo. Okwenene ke kute ngexesha lomnqopiso yelwasu intokazi yaya kulondawo, ayibanga xesha lide yafika ingxilimbela yesoka yazixela, (kuba bebe-ngazani ngapambili) yayicela iledi ukuba babe nehambo etile. Inge iyahamba intokazi, yasuka yequba ipepile emehlweni omtakati, ute ekohlela elila, etimla yaye ikupa isabokwe ebisifihle pantsi kwebatyi intokazi yenza imvula—yatsho. yatsho, yatsho! Yabaleka indoda kwawa iminqwazi le imaqokobe made imnyama, awazicolelayo ama Xosa ase Kapa. Yapela apo lonto. Isifundo. Nasakuzilibala madodana nakuhlangana nomtinjana.

SAID a good sister in her testimony at a late camp meeting My husband opposed my coming to this sacred spot, but I can truthfully say that in coming here I have received a blessing ; and I know that when I reach home my husband will receive a blessing.'" No one seemed to doubt her.

Ezababaleli.

UMBUSO.

NKOSI MHLELI,—Kauncede ngalamazwan' am ambalwa.

Ndifuna intyilelo kulengxovungxovu ndingena kuyiqonda yezintlanganiso zingaka, ize enye into ndingeva apo zigqiba kona, nento eziti makwenziwe yona. Kum ngati inqu yento ayaziwa, kuba na-semapepeni usuke omnye akale ngenye into, nomnye ngenye into, omnye ukala nge Empire League, omnye ukala ngolaulo lwe Nkosazana, omnye ukala ngengxakeko zayo esiti ngesiyinceda. Ke ndinga ndingazi ukuba ezintlanganiso zitate li- pina isebe?

Mna okukokwam bendingatandayo kuqala kekuhlangane inkosi zabantsundu ezinjengo IV. Kama Mabandla, Ulana, Njokweni, Mhlambiso, Zibi, neza Batembu nezapesheya kwe Nciba. Into yo-
kuqala zitumele kule Palamente yelilizwe isicelo sokuba abantsundu bapatwe Pesheya.

Isizatu esindibangela ukuba ndicinge ngoluhlobo sesi: i-Rulumeni yelilizwe yoyisiwe kukupata abantsundu, kunokwenzekana ukuba ziti i " natural enemies" zabantsundu zibe nokwenzela intshaba zazo imiteto elungileyo? Umntu angaba nakona ukwenzela amaramba imiteto eyakuwabangela ukuba ande?

Nqika amapepa ubone ukuba wozifumanana izibulelo zontsundu ebulela u-Rulumente weli kaukangele kwelezikalazo, enditi ukulibiza lele *zililo* icala.

Ulaulo lwelilizwe lulaulo lobukoboka ;kaupulapule isikalo esivela e-Diamond Fields (apo kuko ababanjwa aba 811) impato yomhlope kontsundu beka e-Cape Town nazo inkosi etolongweni, esiqitini. Kauze kumandla wase Rini ude use pesheya kwe Nciba —uyakufumana inkosi
zingo Headman, izibonda igama elitsha elo elingazanga lanikwa mntu kowetu.

Kaupulapule isikalo sa Batembu. ukuhlutwa kwabo imihlaba, masendisiti sabo bonke abantsundu ukususela e-Bayi ucande e-Xesi ude uye ema Mpondweni de kube nakwela Bahlambeli, sinyeke
esosikalo, kaukangele imiteto yekatsi neyepasi.

Kaukangele izigqibo ze jury kumatyala ejaji, xa ide nejaji ngokwayo ixele u-Titus', owati akubona izidumbu zama Jodi, wati " u-Tixo makangqine esi asiso senzo sam."

Kaukangele ukudutyulwa kwabantsundu ngabamhlope, ndiyakolwa ukuba abantsundu ababuleweyo zimbumbulu zabamhlope bangapezulu kwabalunywe zinyoka. Into embi kuyo yonke lento
abanambuzeli cwaka ngati akuko Rulumente kwelilizwe, ukusukela kwinkosi kudekuye kumfundisi nomntu omnyama isikalo sinye, siti esisikalo, idyokwe yomntu omhlope pezu kontsundu inzima, kwi Nkosazana sasitwele idyokwe yomti,
kulamadoda sitsala ngedyokwe yentsimbi, kwi Nkosazana besisiti sakona sibetwe ngentambo, kulamadoda sibetwa ngonomadudwane.

Into esisimanga kum yile, u-Rulumente unemali ayicitela ukufundisa intsapo yabantsundu, ke into esisimanga yile, uti xa enzela ontsundu imiteto afike amtabate wonke ontsundu njengeqaba aze enze imiteto engenakunyanyezelwa ngofundileyo mhlaumbi ngogqobokileyo, kupela inokunyanyezelwa liqaba, enye into asinto ayaziyo ukuba lemali amana ukuyirola irnihla ngemihla mayibe yenza abafundisi ozitishala ozitoliki obabali
njalo-njalo. Abantu abafuna umteto omnye nabamhlope ngqe, hai umteto uwodwa owabantsundu bonke, nawo usekwe pezu kwesimo seqaba.

Ngalo lonke ixesha esipantsi kolulaulo asisayi kuba luncedo nase ziqwini zetu nakwilizwe esikulo, nakubantu esipantsi kwabo. Mhlaumbi ukuba esinye sezizwe ezifundileyo njengama Jamani besiya kutumela imikosi yaso kumacweba Omtata no Mzimvubu, umntu omnyama ebengafunyanwa elungilena ukumelana nokurelelana namajoni afundisiweyo ase Germany?

Njengokuba Inkosazana ingalwamnkelayo uncedo oluvela kwi colonies, ingaba luncedona ukutumela imikosi ya Maxosa na Mamfengu, eyagqibela ukupata umpu ngexesha lika Sir John Molteno. Kwaye kunjalonje nangeloxesha bengazange baqeqeshelwe kulwa.

Ndicinga mna ukuba ukutumela imikosi ya Maxosa na Mamfengu e-Jeputa ingaba kukumosha igazi, nokukaulezisa imipefumlo ukuyisa esihogweni pambi kwexesha'

Linye izwi lam nditi, i Colonial Government yase South Africa yoyisiwe kukulaula abantu abantsundu, ngoko kufuneka abantu abantsundu becele ukuba babuyiselwe kwase lulaulweni lwa Pesheya.

UMIKOLONI OBUHLUNGU

UKUBONA KOMDALA.

Rode Mission Station, 9 April 1885.

Ndincede mfo wase luhlangeni, ndiboleke isitya samanene eso, ndifuna ukutulula, nakuba ndingazi ukuba ipakati lomzi ontsundu lowaselana lamasana ndizakuwatulula, kuba ngawesibozi semvab'endala. Zintatu izinto endifuna ukuzikankanya.

1. Ndicela umtandazo, uyatshabalala umzi ontsundu, bandla nebandlakazi lokumnkani wama Zulu. Akuseko namnye na ongacelela lomzi uxolo kulowo uzele zimfefe, unesisa unenceba ; yintonina eyahlanganisela i-Niniva kumsindo oshushu, yaza yaba yintoni na eyahlangula amalumnko ase Babiloni ngexesha lika Daniel,—funda ezindawana, Jona iii. 5, Daniel ii.—12-23, Watinina vena u-She-
kaniya ngemihla ka Ezera. Ezera x. 2-4. Itinina yona intombi yakwa Juda, mhla amiselwa ukubujiswa Amajuda ngacebo lika Hamane. Umzi ontsundu ubona nganjanina, ukangela ngalupina uhlobo, lendlala iteta ntonina ebangwe lolubalelo lumi ngolwandle lwaya kuhlabanisela kwa Mshweshwe pesheya kwe Gqili. Akuko nelawazanana kuyo yonke na i-Africa, elingema pezu kwentaba lihlabe umkulungwane, libekise kulowo, usenyangweni yelipezulu?

Manene andenzi ngakwazi ndiyakulindela ingcinga zamadoda, antloko zihluziweyo. .

Nowase Natala ngati niyiposile indlela kanzondelelo. Inkomo zibiyelwa ngumninizo utango, akete umgqeku awenzele amatanga nomfana otembekayo, zandeke, adeke abe negama njengezityebi zakwas Thiwo o Ngxabangxaba namanye aniatshawe, nanjengezityebi zase Lutukela o Tuswa into zako Kishe, no Mafuya, onyana bo Ntsila. Pakamisani amehlo mfo wakwa Rarabe nowakwa Gcaleka

nowakwa Tembu, kwanezondwayinge zavela empumalanga nawe qalake inzo- ndelelo ; kade siyiwola imali, ipina, siza- tu sinina esibangele lentswelo ingaka, yokude umhlaba upandwe nasecaleni le- ndlwana zetu, yiya e-Peuleni nase Debe, wobona nawe ukuba yinto elusizi ukuti kanti sasebenza sazuza, asabiya salahla isiko lakwa Xosa, apo indoda ibibiya ye- nze ikebelele lentlanti zintlanu inkomo, side isidenge sihleke sakubona bungaqqu-shekanga, mbayimbayi kwiminyakana embalwa wofika ukumnka kwelanga xa zibuyayo likonya ixaka

Lakontshungu usidinini
Uvela ngendleb' eludadeni lwase Nxuba,
Iqaq' elinkone lakwa'Nqobokazi Undofak' umxaka mhla ngomdudo.

akusoze ube saswela namesisi ungenamali. Fumane wenqa umzi ontsundu uxele inja endala esel' enxiweni izele zintsizi ngokulahlekana nomondli wayo. Nditi ke tu kanye onjalo ongacelela i-Africa itaru kulengqalekiso yale ndlala ?

2. Enye into yeyele i-Africa, yeyele ngelomkono eludakeni lobunyama, beni- vela mzi untsundu zilinga ngako konke izicaka zo Tixo wenyaniso, no Rulumeni wazo ekurola i-Africa eludakeni lobunyama. Bebeshumayela, bemisa izikolo kwindawo ngendawo, kaukangele ukuba kunjengemizamo yabona. Olulobolo no- lulwaluko, sisiqamo soluzamo lwabona, eso mfondini wakwa Xosa naweludwayi-ndini lwase Lutukela? Mandiyeke apo matshawe ohlanga.

3. Mandenze umbuzo noko nangu, nditi uhlanga lubalulona lungena nkomo? Sisizwe esinjanina Abatwa aba? Sinalona ibali lomdudo ka Tshiwo. Ukutsho nditi, kungalipina ilixa lokwenza imizi yemali, kuba kumhlope kusile ukuba elenkomo ixa liyadlula; ofunwa ninina amaqinga okufuywa kwalenkomo yase mlungwini. Ukuba kwakuqalwe ngalo eliqinga loku- fuya lenkomo, namhla ngalupina uhlanga? Nditi mna, osweli nomesisi ngebe- ko ngapandle kokuguqulwa ibala libe- mhlope. Ndisashiyela umhlambi ezawo ingcinga—ndicela uxolo.

IPASI INGUMTWALO.

NKOSI MHLELI,—Ndincede ngokundipa indawo kwelipepa lidume kunene—nam endilincomayo ngokulunga.

Ngokufutshane ndifuna ukupendula umfo oteta ngepasi, oti ukuzibiza ungu P. N. M., oti ukuteta kwake masingakululwa pentsi komteto wepasi, Tina okukokwetu asivani nenteto yalomfo; okunye singati ukumpendula, makake acinge elilizwi liti *Imvo Zabantsundu,* ukuba liteta ukutinina lilodwa. Okunye singabuya simalatise ipepa lomhla we 8 April, siti kuye, makabuye azihlanganise ingqondo zake alifunde kwakona, kwinteto emgca wokuqala uti " Ipasi." Asinankolo ukuba lomfo uyayiqonda lenteto yatetwa lelopepa lomhla we 8 April. Ipasi le tina asiboni ukuba inokubutintela ubusela—
njengoko ingenjanganjalo kwada kwana-kalokunje—kwayeke ukutsho kwetu singatsho ukuti, iyakuti ngokuguzulwa kwayo ipasi ibe buyakupela ubusela—*ko*dwa ngati *ubusela* obu abusoze bubenayeza lokubutshabalalisa pakati koluntu lwakowetu. Asikuko nokuba lenteto ya-lomfo imbi, ide yati ububi bayo yayintshontsho kwezetu impumlo. Ngenxa yokuba lenteto itetwa ngomnye wetu bantsundu—ebingafanelekile ukuba itetwe siti, kuba tina kufuneka siyimbumba
emxelomnye. Namhla ziyakuti intshaba zetu zakuyibona lenteto—ziti nokuba bezingenatuba zingene ngayo lenteto yalomfokazana. Sihlelinje tina asimazi loduntsuduntsu wenziwa ngulomfo —uti Akutsalelwa ngacalanye luninzi abeyena etsa- lela ngelinye icala. Yotininake ukuhamba lenqwelo ? Xa nje siyakuuti ukuuzivelisa imvo zetu sizivelise ngemimoya epikisanayo? Andazi nokwazi ukuba bekutenina ukuba lenteto ifakwe epepeni apa, ingabonakalinje ukuba ingaba nesixakato esitomalalisa uhlanga ? Ku ba kusekuhleni ngokumhlope ukuba lomfo uvana ne-
nto embi ngokubona ukuba amawabo angxamele ukutungulula azibone indawo akuyo ukungafaneleki kwayo. Kekaloku amawetu imvo zawo ayazibonakalisa kwelipepa, ezitandazela nokuzitandazela kwizipata mandla zabo. Lomfo usuke wati qiwu induku wangena emdudweni wafunda ukuteta ngento angelengafundanga ngayo—nditsho kuba asimfokazi udla ngakubala. Hina, P. N. M., ugqita pina Azulenteto Aa Mr. Hemming imnandi kangaka, uti umfo wase England, oteta njengoko ubufanelekile wenjenjalo wena P. N. M., uti: "Eyona nkatazo inkulu kwipasi ku-
banjezelwa kwabantu kwi ofisi zomantyi apo onobala bengahleli bepete intsiba zokubala belinde wonke umntu omnyama ofuna ipasi ukuze bamenzele kwaoko. Ndincede mfondini buya ulikangele ipepa lo 8 April. Lenteto yako P. N • M. ibifanelwe kukutetwa ngumntu ongentsundu njengawe, ukwanyele umfo wapesheya ngokukwazi ukukumbulela nokwazalelela umntu opantsi kwenkatazo. Kulusizike, kuba wena ukohlwe nokuziketela impilo emnandi—ufuna, ukolwa ukuba ube likoboka lepasi engateti nto. Ungacingi ukuba umsebenzi wokupelela, xa ipasi itshatyalalisiweyo.
' Ndixolele Mhleli ndifumana ndipeza, asikuko nokuba ndinento yokuteta kulomfo,—ndiyashiy' apa ndisalindile.

Ndim
GAMALITSHOYO.

Amafama Antsundu ase Kubusi.

Intlanganiso yenyanga zonke yangena ngosuku lwe 15 April 1885, ngexesha lesi- xenxe.

Intlanganiso yavulwa ngomtandazo ngu Mgcini-sihlalo, u-Mr. J. Hlengezele ; we- suka u-Nobala u-John Lokwe wafunda ingxelo yentlanganiso egqitileyo.

Amalungu ayeko ngo Mr, J. Mtyapi,
M. Mabuya, Z. Sondishe, S. Mtandeki,
N. Mkapa, M. Kumalo, A. Mabuya, Z. Mgoboli, M. Mabuya, K. Ngcango, B. Birt, J. Sihlali, J. Daweti, K. Betela, H. Betela, J. Mabuya, David Mabuya, J. Tshwete.

Wesuka u-Mgcini-sihlalo wati, namhla- nje silapa, singomcimbi we pasi, apo kuko isicelo sokuba kuviwe imvo zetu.

Kwesuka u-Mr. Z. Sondishe, wabonisa 'ilungelo elenziwe yintlangauiso, kuba namhla sinokugawula ehlatini singarola- nga mali. Wabonisa ngokurola ipepa lesiqiniselo sokugawula, laza lafundwa ngu Nobala.

Wesuka u-Mr. J. Mtyapi wabonisa ukulunga kwe *Mvo Zabantsundu,* kuba namhla sinendlela yokuteta no Rulume nte ngayo,. Wesuka u-Mr. I. 'Tshwete wabonisa imfanelo enokwenziwa yintla nganiso ukuze iye iba nkulu ngokuba nkulu.

Wesuka kwakona uMgcini-sihlalo wati, kaloku masiqube umcimbi esingawo apa.

U-Mr. J. Mtyapi wacela ukuba u-Nobala afunde *Imvo* malunga ne pasi ekute kwakugqitywa ukufundwa besuka abalo bo M. Mabuya, D. Mabuya, S. Mtandeki nabanye, yazake intlanganiso yagqiba kwezindawo:

I. Kuluvuyo kuti ukuba sifumane eli- tuba lokucaza imvo zetu malungana ne pasi. Siyavuya kakulu ke Mhleli wepe- pa lendaba, ukuba ute wasazisa ukuba masipose amazwana kwelipepa. Ke siti kukade sidliwa, sibanjwa sibetwa ngezabokwe ngamapolisa ngenxa yalepasi, kanti ayimteto ka Rulumente; sitike ku- ngaluvuyo site sakululwa kobubukoboka bepasi. Kuba kaloku Mhlekazi kukade sikonza kuwe, besifanele okokuba na-mhlanje sitembeke njengabantwana be Nkosazana, sitshoke siti sincede usikulu- le kulomtwalo wepasi.

II. Kukaninzi sidliwa *£1* ngenxa yale pasi, 10s. or 5s. kwangobubusela sibiwa ngabo, ke zininzi izizatu esingabonisa ngazo.

HI. Kunjalonje akumfundisi esiya ku- fundisa abanjwe, kubonakeleke sekusi- ma lontshumayelo. Akutitshala isiya kufundisa ibanjwe ngenxa yalepasi. Akunene lisiya efameni yalo, libanjwe ngenxa yale pasi, ke selenguwupina umntu ka Rulumente wokukaulezela umsebenzi.

IN. Kwakuboniswe ukuba ipasi ize kupelisa amasela, kanti hai, akunjalo, ize kubukutaza kanye, kumaxa amasela aba- la inkomo zabanye abantu, nangapandle i kwenkomo ezo, ahamba ngegunya lokuba ane pasi, ke kuti akufanele ukuba sihambe ngepasi.

J. S. LOKWE.
Secretary.

ABALIMI NA BARWEBI.

MAY.

